



UKUFIKELELA KWINCWADI YOLWAZI (PAIA-Manual)

*(NGOKWECANDELO LE-14 LOKUKHUTHAZWA KOKUFIKELELA KU
INGCACISO UMTHETHO 2 KA 2000)*

UMHLA WOKUHLANGANISA: **01/03/2023**
UMHLA WOKUHLAZIYWA:

ISIQULATHO

1. Uluhlu Iwamagama abhalwe ngoonobumba bokuqala kanye nezifinyezo	pg. 3
2. Injongo yencwadi yesikhokelo	pg. 3
3. Ukumiswa komasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 4
4. Ubume nemisebenzi kamasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 5
5. linkcukacha zoqhagamshelwano eziphambili zokufikelela kulwazi lomasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 6
6. Inkcazo yawo onke amancedo akhoyo ngokubhekiselele kwindima okanye ukusilela ukwenza kukamasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 7
7. Isikhokelo malunga nendlela yokusebenzisa i-PAIA kanye nendlela yokufumana ukufikelela kwisikhokelo	pg. 9
8. Inkcazo yezihloko apho iqumrhu ligcine iirekhodi kanye neendidi zeerekhodi ezigcinwe ngumasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 10
9. Lindidi zeerekhodi zikamasipala wasekuhlaleni waseSenqu ezifumaneka ngaphandle kokuba umntu acele ukufikelela kuzo	pg. 16
10. linkonzo ezifumanekayo kumalungu oluntu avela kumasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 17
11. Ukufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngumasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 19
12. Ukubandakanyeka koluntu ekuqulunqweni komgaqo-nkqubo okanye ukusetyenziswa kwamagunya okanye ukwenza imisebenzi ngumasipala wasekuhlaleni waseSenqu	pg. 222
13. Ukufumana iinkcukacha zomntu othile	pg. 23
14. Ukufumaneka kwencwadi yesikhokelo	pg. 26
15. Ukuhlaziywa kwencwadi yesikhokelo	pg.26
 Isihlomelo A: Form B Isaziso seSibheno sangaphakathi	pg.27
Isihlomelo B: Form A Isicelo sokufikelela kwirekhodi yequmrhu loluntu	pg.30
Isihlomelo C: intlawulo	pg.33

1. ULUHLU LWAMAGAMA ABHALWE NGOONOBUMBA BOKUQALA KUNYE NEZIFINYEZO

1.1 **“CEO”** Igosa eliphethe inkampani (Chief Executive Officer)

1.2 **“DIO”** Isekela Gosa leenkukacha (Deputy Information Officer);

1.3 **“IO”** Igosa Lenkukacha (Information Officer);

1.4 **“Minister”** Umphathiswa

1.5 **“PAIA”** Ukukhuthazwa kokufikelela kulwazi (Promotion of Access to Information Act No. 2 8of 2000(as Amended);

1.6 **“PFMA”** UMthetho woLawulo IweMali kaRhulumente (Public Finance Management Act No.1 of 1999 as Amended);

1.7 **“POPIA”** Umthetho wokukhuselwa kweenkukacha zomntu othile (Protection of Personal Information Act No.4 of 2013);

1.8 **“Regulator”** Umlawuli Wenkukacha

2. INJONGO YE-PAIA MANUAL

Le ncwadana yePAIA iluncedo kuluntu ukuba -

2.1 Iujonge uhlolo Iweerekodi ezinokuthi sele zifumaneka kuMasipala weNgingqi waseSenqu, ngaphandle kwesidingo sokungenisa isicelo esisemthethweni se-PAIA;

2.2 Iuyayayazi indlela yokwenza isicelo sokufikelela kwirekhodi kaMasipala weNgingqi waseSenqu;

2.3 luyafikelela kuzo zonke iinkcukacha zoqhagamshelwano zabantu abachaphazelekayo ukuncedisa uluntu ngeerekhodi abazimisele ukufikelela kuzo;

2.4 luyawazi amancedo akhoyo avela kuMasipala weNgingqi waseSenqu malunga nokufaka isicelo sokufikelela kwiirekhodi, ngaphambi kokubonana noMlawuli okanye iiNkundla;

2.5 lunenkcazelو ngeenkonzo ezifumanekayo kumalungu oluntu ezivela kuMasipala weNgingqi waseSenqu nendlela yokufumana ezo nkondo;

2.6 lunenkcazelو ngesikhokelo malunga nendlela yokusebenzisa i-PAIA, njengoko ihlaziyiwe nguMlawuli kune nendlela yokufumana ukufikelela kuso;

2.7 ukuba iqumrhu lizakukhupha iinkcukacha ngomntu, injongo yokukhutshwa kweenkcukacha zomntu kune nenkazo ngamabakala ezhloko kune nolwazi okanye uhlolo lolwazi olunxulumene nazo;

2.8 luyazi ukuba uMasipala weNgingqi waseSenqu ucebe ukudlulisela okanye ukulungelelanisa ulwazi lomntu ngaphandle kweRiphabliki yoMzantsi Afrika kune nabamkeli okanye iindidi zabamkeli aphi iinkcukacha zesi zinokanezelwa; kune

2.9 luyazi ukuba ngaba uMasipala weNgingqi waseSenqu unamanyathelo afanelekileyo okhuseleko ukuqinisekisa imfihleko, ubulungisa nokufumaneka kweenkcukacha zomntu ekufuneka zikhutshiwe..

3. UKUSEKWA KOMASIPALA WENGINGQI WASESENQU

UMasipala weNgingqi waseSenqu wasekwa ngokweSaziso 67 sika-2000 ngokwesiqendu 12 soMthetho woRhulumente weNgingqi: uMthetho woBume booMasipala (Act 117 of 1998) Section 2(1)(c).

3.1. Injongo/Igunya


Icandelo 24 loRHULUMENTE WENGINGQI: MUNICIPAL DEMARCTION ACT 27 OF 1998 libeka injongo zikaMasipala ukwenzela ukuba uMasipala akwazi ukufezekisa izibophelelo zakhe zomgaqo-siseko, kuquka -

(i) isibonelelo ngurhulumente wentando yesininzi nozimeleyo kuluntu lwasekuhlalen;

- (ii) ukubonelelwa ngeenkonzo kuluntu ngendlela enobulungisa nezinzileyo;
- (iii) ukukhuthazwa kophuhliso lwentlalo noqoqosho;
- (iv) ukukhuthazwa kwendawo ekhuselkileyo nesempilweni;
- (v) ukwenza ukuba ulawulo lwasekuhlaleni lusebenze ngempumelelo;
- (vi) ukwenza upuhhliso oluhlangeneyo; kunye
- (vii) ukuba nesiseko serhafu esibandakanya kangangoko abasebenzisi beenkonzo zikaMasipala kuMasipala.

4. ISAKHIWO NEMISEBENZI KAMASIPALA WASEKUHLALENI WASESENQU

4.1. Structure



4.2 Imisebenzi

UMasipala weNgingqi waseSenqu nguMasipala wodidi B kwiSithili saseJoe Gqabi. Amagunya nemisebenzi kamasipala ichazwe kuLudwe lwenkqubo 4B ne-5B yoMgaqo-siseko. ICandelo 83(1) loMthetho woRhulumente weNgingqi: weZakhiwo zikaMasipala, 1998 (uMthetho 117 ka-1998) lichaza ngakumbi imisebenzi namagunya oomasipala basekuhlaleni.

Eminye imisebenzi namagunya amiselwa yi-MEC yoRhulumente weNgingqi & Imicimbi yeMveli ngokuhlengahlengiswa kwezi zinto phakathi kweSithili noMasipala weNgingqi ngokweSiqendu 85 soMthetho woRhulumente weNgingqi: woBume booMasipala, 1998 (uMthetho 117 ka-1998).

Ngokwemigaqo ekhankanywe ngasentla amagunya nemisebenzi kaMasipala weNgingqi waseSenqu aquka, phakathi kwezinye izinto:

- a) ulawulo lwenkunkuma;
- b) Ukumiswa, ukuphathwa kunye nolawulo lwamangcwaba;
- c) lindawo zokugcina izilwanyana ezilahlekileyo
- d) Izibonelelo zoluntu
- e) lipaki kunye neendawo ezipulekileyo
- f) Amathala eencwadi
- g) Ukuqinisekisa ucwangciso lophuhliso oluhlangeneyo;
- i) Ukukhuthazwa kwezokhenketho engingqini;
- j) Uphuhliso kunye noCwangciso IweDolophu
- k) lindlela nezikhukhula
- l) Umbane nezamandla
- m) Ukwamkela, ulwabiwo nokunikezelwa kwezibonelelo ezenziwe kumasipala;
- n) liprojekthi
- n) Ukunikezelwa kweNkonzo esiSiseko yasimahla
- o) Ukubekwa nokuqokelelwa kwerhafu, iirhafu kunye nemisebenzi enxulumene nayo le misebenzi ingentla okanye njengoko kunokunikwa ngokomthetho wesizwe.

5. IINKUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZIPHAMBILI ZOKUFIKELELA KULWAZI KUMASIPALA WENGINGQI WESENQU

5.1. Chief Information Officer (IGosa eliyiNtloko loLwazi)

Name:	Thembinkosi Mawonga
Tel:	051 603 1300/1308
Email:	mawongat@senqu.gov.za
Cellphone:	082 974 4703

5.2. Deputy Information Officer (Isekela leGosa loLwazi)

Name: Tanya van Zyl
Tel: 051 603 1307
Email: vanzylt@senqu.gov.za
Cellphone: 082 804 1804

5.3 Ukufikelela kulwazi jikelele

Email: info@senqu.gov.za

5.4 Head Office

Idilesi Yeposi: Private Bag X03, Lady Grey, 9755
Idilesi Ephathekayo: 19 Murray Street, Lady Grey 9755
Telephone: 051 603 1300
Email: info@senqu.gov.za
Website: www.senqu.gov.za
Fax: 051 603 0445

6.

INKCAZELO NGAWO ONKE AMANCEDO AKHOYO NGOKUBHEKISELELE KWISEHLO OKANYE UKUNGAPHUMELELI UKWENZA NGUMASIPALA WASEKUHLALENI WASESENQU

Amancedo ayafumaneka ukuba uMasipala weNgingqi waseSenqu akayithobeli imimiselo yoMthetho. Umfaki-sicelo angafaka isibheno sangaphakathi kuMasipala weNgingqi waseSenqu ngokuchasene nesigqibo segosa lolwazi okanye usekela-gosa lolwazi ukuba:

- i) Isicelo sokufikelela sikhathiwe;
- ii) Intlawulo ebizwayo ayamkelekanga;
- iii) Ixesha apho kufuneka kwenziwe isigqibo malunga nokufikelela kwirekhodi, landisiwe;

- iv) Ukufikelela kwirekhodi akunikezelwanga kwifomu eceliweyo, umz. ikopi ye-elektroniki endaweni yekopi eprintiweyo.

Umntu wesithathu angafaka isibheno sangaphakathi kuMasipala weNgingqi waseSenqu ngokuchasene nesigqibo segosa lolwazi okanye usekela-gosa lolwazi ngokuchaza iinkcukacha ngokunxulumene nomntu wesithathu.

Inkqubo yesibheno sangaphakathi

Isibheno sangaphakathi masifikwe kwifomu B emiselweyo ngokweSihlomelo A:

- i) kwisithuba seentsuku ezingama-60 (amashumi amathandathu);
- ii) ukuba kufuneka isaziso kumntu wesithathu, kwiintsuku ezingama-30 (amashumi amathathu) emva kokuba isaziso sinikwe ummangali wesigqibo esibhenelweyo okanye ukuba isaziso kumfaki-sibheno asifuneki, emva kokuba kuthathwe isigqibo.

Isibheno sangaphakathi:

- i) Kufuneka sisiwe ngesandla, sithunyelwe ngeposi, sithunyelwe ngefeksi, okanye sithunyelwe ngekhompyutha kwigosa lolwazi okanye kwisekela-gosa lolwazi.
- ii) Kufuneka sichaze umxholo wesibheno sangaphakathi size sinike izizathu zesibheno.
- iii) Sichaze indlela umbheni anqwenela ukwaziswa ngayo malunga nesigqibo kwisibheno sangaphakathi,ukongeza kwimpendulo ebhaliweyo.
- iv) Kufuneka sikhatshe yintlawulo yesibheno emiselweyo, ukuba iyasebenza.
- v) Kufuneka kucaciswe idilesi yeposi, inombolo yefeksi okanye idilesi ye-imeyile.
- vi) Igosa lolwazi okanye usekela-gosa lolwazi kufuneka kwisithuba seentsuku ezili-10 (ezilishumi) zokusebenza emva kokufumana isibheno sangaphakathi lisingenise kwiGunya leZibheno, oko kukuthi uSomlomo, ukuze siqwalaselwe.
- vii) Izibheno ezifike emva kwexesha zingavunyelwa ukuba unobangela uyavakala.
- viii) Umfaki-sicelo okanye umntu wesithathu angafaka isicelo enkundleni kuphela ukuba inkqubo yesibheno yangaphakathi ngokuchasene nesigqibo segosa lolwazi okanye usekela-gosa lolwazi igqityiwe..

Inkqubo yokukhalaza kuMlawuli woLwazi

Umfaki-sicelo okanye umntu wesithathu angafaka isikhala zo kuphela kuMlawuli emva kokuba loo mfaki-sicelo okanye umntu wesithathu eyiggibile inkqubo yesibheno sangaphakathi ngokuchasene nesigqibo seGosa loLwazi lorhulumente wesizwe, wephondo, okanye wasekuhlaleni. Oku kuthetha ukuba umntu unokungenisa isikhala zo sakhe kuphela, ngokuchasene nommandla othile karhulumente kuMlawuli

ukuba umntu akonwabanga sisiggibo segunya lesibheno. UMIlawuli uya kusikhaba isikhala zo ukuba inkqubo yesibheno kummandla ochaphazelekayo karhulumente ayikaggitywa.

Isikhala zo kuMlawuli ngumfaki-sicelo okanye umntu wesithathu kufuneka sifakwe kwiintsuku ezili-180 emva kokufumana isiggibo esivela kwiqumrhu.

Umntu ukhalaza njani kuMlawuli?

Isikhala zo kuMlawuli kufuneka senziwe ngokubhaliweyo kwaye ifomu yezikhala zo mayizaliswe, mhlawumbi ngesandla okanye kwi-intanethi. Ifomu yesikhala zo, iFomu 5, inokufunyanwa kwiwebhusayithi yoMlawuli, <https://www.justice.gov.za/inforeg/>

Inkqubo yokudibana neNkundla yolawulo kwezobulungisa ngoncedo olufanelekileyo.

Umfaki-sicelo okanye umntu wesithathu angafaka isicelo kuhphela enkundleni sokufumana uncedo olufanelekileyo ngokwesiqendu 82 kwiintsuku ezili-180.

7. ISIKHOKELO MALUNGA NENDLELA YOKUSEBENZISA I-PAIA KUNYE NENDLELA YOKUFUMANA UKUFIKELELA KWISIKHOKELO

7.1. UMIlawuli uye, ngokwecandelo 10 (1) le-PAIA, wahlaziya waza wenza ukuba kufumanek isiKhokelo esihlaziyiweyo malunga nendlela yokusebenzisa i-PAIA ("Isikhokelo"), ngohlobo nendlela eqondakala lula, njengoko kunokufunwa ngokufanelekileyo ngumntu onqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elicisiswe kwi-PAIA kune ne-POPIA.

7.2. Isikhokelo siyafumaneka ngolwimi ngalunye olusemthethweni.

7.3. Isikhokelo esikhankanywe ngasentla siquelethe inkcazo -

7.3.1. ngeenjongo ze PAIA and POPIA;

7.3.2. idilesi yeposi kune nesitalato, inombolo yomnxeba kune nefeksi kune nedilesi yeposi yesixhobo esisebenzisa umbane ukuba iyafumaneka-

7.3.2.1 yeGosa Lenkukacha (Information Officer) ngalinye loluntu, kune

7.3.2.2. nabo bonke ooSekela Gosa lenkukacha kwiqumrhu ngalinye likarhulumente nelabucala elichongwe ngokwesiqendu 17(1) se-PAIA necandelo 56 le-POPIA;

7.3.3. indlela nohlobo lwasicelo uku -

7.3.3.1. fikelela kwirekhodi yequmrhu loluntu elicisiswe kwicandelo 11; Yi-nile

7.3.3.2. fikelela kwirekhodi yequmrhu labucala elicisiswe kwicandelo 50;

7.3.4. uncedo olufumaneka kwiGosa loLwazi lwequmrhu loluntu ngokwe-PAIA kune ne-POPIA;

- 7.3.5 uncedo olukhoyo oluvela kuMlawuli (Regulator) ngokwe-PAIA kanye ne-POPIA;
- 7.3.6. onke amancedo akhoyo emthethweni malunga nesenzo okanye ukungaphumeleli ukwenza ngokubhekiselele kwilungelo okanye umsebenzi onikezelwe okanye obekwe yi-PAIA kanye ne-POPIA, kuquka nendlela yokunikezela -
- 7.3.6.1. isibheno sangaphakathi;
- 7.3.6.2 isikhalaZo kuMlawuli; kanye
- 7.3.6.3. nesicelo kwinkundla ngokuchasene nesigqibo segosa lolwazi lwequmrhu loluntu, isigqibo malunga nesibheno sangaphakathi okanye isigqibo esenziwe nguMlawuli okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala;
- 7.3.7. imimiselo yamacandelo 14 no-51 efuna iqumrhu likarhulumente nequmrhu labucala, ngokulandeelanayo, liqulunge isikhokelo, nendlela yokufumana ukufikelela kuso;
- 7.3.8. izibonelelo zecandelo le-15 kanye ne-52 elibonelela ngokubhengezwa ngokuzithandela kweendidi zeerekodi ngumbutho woluntu kanye nequmrhu labucala, ngokulandelanayo; izaziso ezikhutshwe ngokwesiqendu 22 nese-54 malunga neentlawulo ekufuneka zihlawulwe ngokunxulumene nezicelo zokufikelela; kanye nemimiselo eyenziwe ngokwesiqendu 92.
- 7.4. Amalungu oluntu anokuhlolola okanye enze iikopi zeSikhokelo kwii-ofisi zamaqumrhu oluntu okanye abucala, kuquka ne-ofisi yoMlawuli, ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza. Isikhokelo sinokufunyanwa kwakhona-
- 7.4.1. ngesicelo kwiGosa loLwazi; ukusuka kwiwebhusayithi yoMlawuli (<https://www.justice.gov.za/inforeg/>).

8. INKCAZO YEZIHLOKO APHO IQUMRHU LIGCINA IIREKHODI KUNYE NEENDIDI ZEEREKHODI EZIGCINWE NGUMASIPALA WASEKUHLALENI WASESENQU

"lirekhodi" zikaMasipala weNgingqi waseSenqu zibhekisela kwezo ngxelo zenziwe okanye ezifunyenwe ekuqhubeni kweshishini elisemthethweni, kwaye zigcinwa njengobungqina bemisebenzi kaMasipala, imisebenzi kanye norhwebelwano.

Kukho iintlobo ezahlukaneyo zeerekodi, umzekelo iifayile zembalelwano, iimephu,iiplani, iincwadi ekubhalwa kuzo amagama (register) uluhlu lwezinto ekumele kuxoxwe ngazo okanye zenziwe kanye nemizuzu (agenda and minutes), ezinokufumaneka ngeentlobo ezahlukaneyo, umz. iphepha, isixhobo esisebenzisa umbane, okanye kwifilimu equlethe amaxwebhu okanye incwadi yonke (microfilm).

Izihloko apfo iqumrhu ligcina iirekhodi	lindidi zeerekodi ezigcinwe kwisihloko ngasinye
UMTHETHO	Imithetho kaMasipala

UKULUNGISELELA KUNYE NOKULAWULA	Uphicotho-zincwadi Iwangaphakathi Ulawulo Iweerekhodi Ulawulo lobudlelwane Iwabathengi Izikhalazo nemibuzo iinkqubo ezizodwa (ezikhethekileyo)
IMICIMBI YEBHUNGA KUNYE NAMALUNGU EBHUNGA	Ukubunjwa kweBhunga, i-EXCO, amaqumrhu aMileyo kunye namaqumrhu amancinci Ukumelwa kwamalungu lintlanganiso zeBhunga, amaqumrhu, kunye namaqumrhu amancinci Imiba ephathelele kumalungu eBhunga Ukuthatha inxaxheba koluntu ngokubanzi
UPAPASHO	Ukukhutshwa kwamaphephandaba lincwadi zeendaba kunye nezaziso Upapasho lukamasipala Ubudlelwane noluntu kunye nonxibelewano Iwebhusayithi
ULAWULO & UKUTHOTYELWA	Ubuchule bokucwangcisa bukaMasipala Ikhasi lamanqaku (Scorecard) kaMasipala Ingxelo yonyaka Inkqubo yolawulo Iwentsebenzo Ukunikezelwa kweenkonzo kunye nezicwangciso zokuphunyezwa kohlahllo – Iwabiwo mali Incwadi yokubhala izinto ezinokufaka ishuishini emngciphekweni Isicwangciso sokuthintela ubuqhetseba

ABASEBENZI	<p>Ubume bombutho</p> <p>limeko zomsebenzi</p> <p>Ukufuna nokuqeshwa, ukupheliswa</p> <p>Uvavanyo lomsebenzi kanye nezibheno</p> <p>Izivumelwano ezidibeneyo</p> <p>Umvuzo</p> <p>Izibonelelo zabasebenzi</p> <p>Ubudlelwane babasebenzi</p> <p>Uqequesho kanye neenkukacha-manani zokulungela</p> <p>Impilo nokhuseleko emsebenzini</p> <p>Uncedo lwabasebenzi</p> <p>lirekhodi zemithetho yengqesho</p> <p>Imigaquo-nkqubo yangaphakathi nenqubo yokuyimilisela</p> <p>lirekhodi zoluleko</p> <p>Izivumelwano zokusebenza kwabasebenzi</p>
UTHENGISELWANO KWIZAKHIWO NOMHLABA	<p>Umhlaba kamasipala</p> <p>Ukulungiswa nokugcinwa</p>
IMIBA YOMTHETHO	<p>Izimvo zomthetho kanye nezigqibo zenkundla</p> <p>Ukungangqinelani nezikhalazo</p> <p>Izigqibo zesibheno sangaphakathi</p>
IMALI	<p>lingxelo zemali</p> <p>Uhlahlo lwabiwo-mali lukaMasipala</p> <p>Ukubuyiswa kwamacandelo kanye nokuhlaziya</p> <p>Amaxabiso omhlaba</p> <p>lintlawulo zomhlaba</p> <p>limali-mboleko</p> <p>Ingxowa-mali nenkxaso-mali efunyenweyo</p> <p>limali zikamasipala</p> <p>Irhafu, imirhumo, imidliwo, izohlwayo kanye neemali</p>

	<p>ezithunyelwe ebhankini</p> <p>Izibonelelo zamatyala</p> <p>Uluhlu lwababolekisi kunye nabatyalwa</p> <p>linkcukacha ngemivuzo</p> <p>linkcukacha ngengxelo yemali ebhankini</p> <p>lincwadi apho kubhalwe khona izinto ezisisigxina ezinokuthengiswa</p> <p>Uncedo lwemali</p> <p>Ukugcinwa kweencwadi zemali kunye nebhanki</p> <p>Utyalo-mali</p> <p>lirekhodi zentengiselwano</p> <p>lirekhodi zerhafu</p> <p>Imali yokuthenga izinto ezincinci</p> <p>Irhafu yexabiso elongezelelwego (VAT)</p> <p>lingxelo kunye nembuyekezo</p> <p>lingxelo zocalulo lwemali</p> <p>Irhafu</p> <p>Imali esetyenziswa ngumntu owamkela nohlawula imali(Cashier Float)</p> <p>Ukuzinza kwezemali</p> <p>Ukuphunyezwा kweprojekthi ye-MSCOA</p> <p>Ukuthengwa kombane</p> <p>Ukuphathwa kwezinto esisigxina kunye nolawulo</p>
IINKONZO ZOKUTHENGWA KWEMPAHLA	<p>Imigaqo-nkqubo yokuthengwa kwempahla</p> <p>Uluhlu lwabathengisi</p> <p>Izivumelwano zabathengisi kunye nezivumelwano zenqanaba lenkonzo</p> <p>Iziniki - maxabiso kunye nezivumelwano</p> <p>Izichazi maxabiso</p> <p>Iziqinisekiso</p>

IZINDLU	<p>Ucwangciso kunye nesibonelelo</p> <p>Ingeniso yabaxhamli bezindlu kunye nabathengi abaza kubakho</p> <p>Uluhlulokulinda kunye nezabelo</p> <p>Izindlu zabantu abahlupheke kakhulu nabasweleyo lindawo zokuhlala ezingacwangcispanga</p> <p>liprojekthi zezindlu</p>
UCWANGCISO NOLAWULO LOPHUHLISO LOKWAKHA	<p>Izikimu zokucwangcisa</p> <p>Ukuvunywa kweplani</p> <p>Ulawulo lokusetyenziswa komhlaba kunye nolawulo lwedolophu</p> <p>Ukuthiya izitalato amagama</p> <p>Ukuvunywa kweplani yokwakha</p> <p>Ulawulo lwentengiso</p> <p>Ukunyanzeliswa: ukusetyenziswa komhlaba kunye nolawulo lokwakha</p> <p>Ucwangciso Iwesithuba</p> <p>Uphando malunga nokuthengwa komhlaba</p> <p>Izakhiwo</p> <p>Umhlaba</p> <p>linkqubo zolwazi IweJografi (GIS)</p> <p>lipropati zotyalo-mali</p> <p>lirekhodi zepropathi</p> <p>Izivumelwano zokuqeshisa</p>
UCWANGCISO NOPHUHLISO LOQOQOSHO	<p>Ingqokelela yamanani</p> <p>Amacandelo oqoqosho aphambili</p> <p>Amashishini amancinci, aphakathi kunye namashishini amancinci (SMMEs)</p> <p>Uphuhliso loqoqosho ekuhlaleni</p> <p>Iqhinga le-LED</p>

IILAYISENISI KUNYE NEEMVUME	lilayisenisi limvume, iziqinisekiso kunye nokunikezelwa lindlela yokuhamba uthengisa kunye norhwebo
IIPAKI, IZITIYA, IINDAWO EZIVULEKILEYO ZIKAWONKE - WONKE KUNYE NEMICIMBI YEZOLIMO	lipaki, iindawo ezivulekileyo zikawonke - wonke kunye nezitiya lindawo zeentyatyambo, imicimbi yezolimo kunye nokulungiswa komhlaba lipaki zeekharavani, iindawo zeenkampu kunye neendawo zokosa lindawo zokuhlala emabalen, amagumbi okuphungela, ii-venkilana kunye neendawo ezithengisa ukutya Izibonelelo ze-ablution zikawonke - wonke
AMANGCWABA	Amangcwaba
UKULAWULWA KWEZILWANYANA	Iskiti Ukunxibelelana nemibutho yokuhamlangula izilwanyana Ukupathwa kwezilwanyana
IINKONZO ZETHALA LEENCWADI	Ukufunyanwa kwezinto zethala leencwadi ngokwahlukana kwazo limali-mboleko zangaphakathi kumathala eencwadi Ukugcinwa kwezakhiwo zethala leencwadi Ukusetyenziswa kwezakhiwo zethala leencwadi Ukhuseleko ngokubhekiselele kwizinto zethala leencwadi Ukunikezelwa kwamaziko kumathala eencwadi Indlela yokusebenza kwiithala leencwadi efakwe kwikhompyutha Iminikelo liyure zokusebenza
UKULAWULA UKUHAMBA KWEZITHUTHI NOCWANGCISO LOKUTHUTHA	lindlela zokuwula izithuthi lingozi zendlela limpawu zokuhamba kwezithuthi kunye neempawu

	<p>zendlela</p> <p>Ukumiswa kwezithuthi</p>
ULAWULO LOKUSINGQONGILEYO	<p>Okusingqongileyo okuzinzileyo</p> <p>Imfundiso ngokusingqongileyo kunye nokulunyukiswa</p> <p>Unxibelelwano lokusingqongileyo kunye nokukhuthaza</p> <p>Imiba echaphazela indalo</p> <p>Ukulondolozwa kokusingqongileyo okwakhewe</p> <p>Izifundo zenkcubeko kunye nelifa lemveli</p>
IINKONZO ZOKUCOCA EZINIKEZELWAYO	<p>Ukuthuthwa kwenkunkuma</p> <p>Ukunikezelwa kweemigqomo yenkunkuma , iingxowa kunye neengcebiso ngococeko</p> <p>Ukuocowa kwesitrato kunye nengingqi</p> <p>Ukuocowa kweedreyini zamanzi azizikhukula</p> <p>Ukulahlwa kwenkunkuma</p> <p>Ukuphinda usebenzise</p>
IINDLELA	<p>Ulondolozo lwendlela</p> <p>Ukulungiswa komonakalo owenziwe zizikhukula</p> <p>Ulawulo lweendlela</p> <p>lindlela zeenyawo, iindlela ezisecaleni kunye nalapho indlela iphela khona</p> <p>Ukfikelela ukwazi ukulondoloza indlela</p> <p>Ukucholwa kwamaggabi</p>
UMBANE	<p>Ukuthengwa kombane</p> <p>Ukulunganisa</p> <p>Ukudibanisa umbane</p> <p>Ukwabiwa kombane (MV & LV)</p> <p>Ukufakwa kombane</p> <p>Ukukhanyisa isitalato</p> <p>Ukuthotyelwa kwe-NRS</p>

ULAWULO LWEPROJEKTHI	Isibonelelo seziseko zikamasipala Ulawulo Iweprojekthi Ukwakhiwa kwendlela Ukulungisa ukhukuliseko libhulorho, iindlela ezingaphantsi komhlaba kunye neziphambuka Ukunqumla Iziseko INEP EPWP
----------------------	---

9. IINDIDI ZEEREKHODI ZIKAMASIPALA WASEKUHLALENI WASESENQU EZIFUMANEKA NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU ACELE IMVUME

Udidi	Uhlobo Loxwebhu	Ifumaneka kwi webhusayithi	Ifumaneka ngesicelo
Isiniki - maxabiso	<ul style="list-style-type: none"> - Isiniki - maxabiso esipapashiwego - Ukuvulwa kweencwadi apho kudweliswe amagama - Igama lomthengisi ophumeleleyo 	X	
Umthetho /Imigaqo	<ul style="list-style-type: none"> - Imithetho kaMasipala 		
Amaxwebhu endlela ethile yokusebenza (Izicwangciso kunye neNgxelo)	<ul style="list-style-type: none"> - Ubume bombutho - lingxelo zonyaka kunye nokungahambanga kakuhle; - Isicwangciso soPhuhliso esihlanganisiwego - Uhlahllo Iwabiwo-mali lukaMasipala 	X	

	<ul style="list-style-type: none"> - lingxelo zemali zenyanga - Imigaqo-nkqubo yemali kaMasipala - Umqulu wamaxabiso kaMasipala - Isakhelo soPhuhliso IweNdawo - Isakhelo Sabathunywa - Ukunikezelwa kweenkonzo kunye nesicwangciso sokuphunyezwa kohlahlo Iwabiwo – mali - Izivumelwano zokusebenza - LED Ubuchule - Isakhelo soPhuhliso IweNdawo 		
Iincwadi zeendaba	<ul style="list-style-type: none"> - iincwadi zeendaba - Ukupapasha 		
Ukuqeshwa	<ul style="list-style-type: none"> - Izaziso 		

**10. IINKONZO EZIFUMANEKAYO KUMALUNGU OLUNTU ZIVELA
KUMASIPALA WASEKUHLENI WASESENQU**

Le misebenzi ilandelayo kunye neenkonzo ezinxulumene nazo zenziwa nguMasipala weNgingqi waseSenqu:

Isebe lohlahlo Iwabiwo-mali & neligcina imali (Budget & Treasury Office)

Chief Financial Officer – Kenneth Fourie

- Inzozo kunye nolawulo Iwengeniso
- Ulawulo nempatho yenkcitho
- Uhlahlo Iwabiwo-mali kunye nemicimbi yohlahlo Iwabiwo-mali
- Ulawulo Iwecandelo elinkisayo (supply chain)
- Ubugcisa bolwazi kunye nonxibelelwano
- eNatis

Telephone: (051) 603 1320

Cellphone: 083 382 1062

Email Address: fouriek@senqu.gov.za

linkonzo zeNkampani kunye neNkxaso (Corporate and Support Services)

Director Corporate Services – Zimasa Koyana

- Ulawulo Iwabasebenzi kubandakanya uphuhliso Iwezakhono, ulawulo Iwabasebenzi, uyilo lombutho, ubudlelwane babasebenzi, inkqubo yolawulo Iwentsebenzo yomntu ngamnye, impilo yabasebenzi kunye neenkonzo zempilo nokhuseleko emsebenzini
- linkonzo zolawulo kuquka unobhala webhunga, iinkonzo zokubhalisa kunye noovimba kunye nokugcinwa kwezakhiwo zeofisi
- linkonzo zomthetho
- Ubudlelwane bamazwe ngamazwe, beSizwe kunye noRhulumente
- linkqubo ezikhethekileyo

Telephone: (051) 603 131316

Cellphone: 079 381 3674

Email Address: koyanaz@senqu.gov.za

linkonzo zoPhuhliso kunye noCwangciso IweDolophu (Development & Town Planning Services)

Director Development & Town Planning Services – Sandile Kenneth Chaphi

- Ucwangciso lophuhliso oluhlangeneyo
- Uphuhliso loqoqosho Iwendawo
- Ezokhenketho
- Ulawulo Iwezindlu kunye nokusetyenziswa komhlaba
- Ukucwangciswa kwendawo

Telephone: (051) 603 13469

Cellphone: 076 455 3404

Email Address: chaphis@senqu.gov.za

iiNkonzo zoLuntu (Community Services)

Director Community Services - Nokulunga Nyezi

- Ukunakekelwa kokusingqongileyo (ukucoca)
- Amathala eencwadi
- amangcwaba
- lindawo zokugcina izilwanyana ezilahlekileyo nokugcinwa kwazo
- iiNkonzo zothutho
- Ulawulo IweNkunkuma
- Amabala emidlalo
- Ukugcinwa kweepaki kunye neendawo ezipulekileyo
- Amaholo oLuntu

Telephone: (051) 603 1397

Cellphone: 082 552 5619

Email Address: nyezin@senqu.gov.za

linkonzo zeZobugcisa (Technical Services)

Director Technical Services - Ranko Ruiters

- lindlela kunye nokulungiswa kwezikhukuliswe ngamnzi kunye neMisebenzi yoLuntu
- Ulwabiwo lombane kunye nokukhanya kwesitrato
- Ulawulo IweProjekthi yeZiseko
- Fleet Management

Telephone: (051) 603 1468

Cellphone: 078 531 7163

Email Address: ruitersr@senqu.gov.za

11. UKUFIKELELA KWIIREKHODI EZIGCINWE NGUMASIPALA WASEKUHLALENI WASESENQU

11.1 INKQUBO YESICELO

Isicelo kufuneka senziwe ngokubhaliwego kwifom A emiselwego, njengoko iqhotyoshelwe njengesiHlomelo B kwaye idluliselwe:

The Information Officer or the Deputy Information Officer

Private Bag X03

Lady Grey

9755

Tel: 051 603 1300/1308

Fax: 051 603 0445

Email: mawongat@senqu.gov.za or vanzylt@senqu.gov.za

- Isicelo kufuneka sichaze ngokucacileyo ukuba yeypih inkcazel efunekayo kwaye ukuba isicelo sesokukopa iirekhodi okanye ingaba umfaki-sicelo angathanda ukujonga irekhodi kwi-ofisi kaMasipala weNgingqi waseSenqu.
- Ifom yesicelo kufuneka ikhatshwe yintlawulo yesicelo emiselwego (jonga imirhumo ehlawulwayo).
- Ukuba umntu ucela ukufikelela kwifom ethile, umfaki-sicelo kufuneka anikwe ukufikelela ngendlela efunekayo, ngaphandle kokuba ukwenza njalo kuya kuphazamisa ngokungekho ngqiqweni ekusebenzeni kweofisi, kuya kulimaza irekhodi, okanye kuphule ilungelo lokushicilela.
- Ukuba umfaki-sicelo unqwenela ukwaziswa ngesigqibo malunga nesicelo nangayiphi na enye indlela, umz. ngomnxeba / ifeksi / i-imeyile, ukongeza kwimpendulo ebhaliwego, kufuneka iboniswe njengoko kunjalo.
- Kwimeko apho umfaki-sicelo ecela ulwazi egameni lomnye umntu, inqanaba apho isicelo senziwa kulo kufuneka liboniswe.
- Xa umfaki-sicelo engakwazi ukufunda okanye ukubhala okanye enenkubazeko, isicelo singenziwa ngomlomo. Kwimeko enjalo, igosa lolwazi/isekela-gosa lolwazi malizalise ifomu egameni lomfaki-sicelo.

Imirhumo ehlawulwayo

- NgokoMthetho, kufuneka ku hlawulwe iintlobo ezimbini zeentlawulo, oko kukuthi umrhumo wesicelo kunye nentlawulo yokufikelela.
- Umfaki-sicelo ofuna ukufikelela kwirekhodi equlethe ulwazi lomntu malunga naloo mfaki-sicelo, akanyanzelekanga ukuba ahlawule imali yesicelo. Bonke abanye abaceli kufuneka bahlawule imali yesicelo echaphazelekayo.
- Igosa lolwazi / usekela-gosa lolwazi liya kucebisa umfaki-sicelo ngokuhlawula umrhumo omiselweyo phambi kokuqhubela phambili ukuphunyezwa kwesicelo.
- Intlawulo yesicelo ehlawulwayo yi-R35 (amashumi amathathu anesihlanu eerandi). Umfaki-sicelo angafaka isibheno sangaphakathi okanye isicelo enkundleni ngokuchasene nokuhlawulwa kwentlawulo yesicelo.

Isigqibo kunye nokwaziswa

- Umfaki-sicelo uya kwaziswa kwiintsuku ezingama-30 (ezingamashumi amathathu) emva kokufumana isicelo sesigqibo segosa lolwazi / isekela legosa lolwazi malunga noku, ngaphandle kokuba ixesha lokujongana nesicelo landisiwe.
- NgokweCandelo 26 iGosa loLwazi lingalandisa ixesha leentsuku ezingama-30 ngelinye ixesha elingadlulanga kwiintsuku ezingama-30 ukuba –
 - Isicelo sesenani elikhulu leerekhodi okanye sifuna ukukhangela kwinani elikhulu leerekhodi;
 - Esi sicelo sifuna ukukhangela iirekhodi ezikwi-ofisi eyahlukileyo kamasipala (Sterkspruit, Barkly East, Rhodes, Rossouw) okanye kwezinye izakhiwo zikamasipala;
 - Ukubonisana phakathi kwamasebe nee-ofisi zikamasipala okanye nelinye iqumrhu likarhulumente njengomasipala wesithili okanye isebe lephondo okanye likazwelonke;
 - Ngaphezulu kwesinye semeko ekhankanywe ngasentla, okwenza ukuthotyelwa kwexesha lokuqala kungabi nangqiqo kunokwenzeka; okanye
- Umfaki-sicelo uyavuma ngokubhaliweyo kwisandiso
 - Ukuba isicelo sinikeziwe, intlawulo engaphezulu yokufikelela kufuneka ihlawulelwu ukukhangela, ukulungiselela, kunye nokuveliswa kwakhona kwerekhodi apho kukwazekayo. Bona isiHlomelo C seNtlawulo ehlawulwayo
 - Umfaki-sicelo uya kunikwa ulwazi olufunekayo, ukuba luyafumaneka, ngexesha elifanelekileyo xa kufunyenwe ifom yesicelo kunye nentlawulo emiselweyo.

Ukudluliselwa kwezelcelo

- Ukuba isicelo sokufikelela senziwe ngokubhekiselele kulwazi olungekho kuMasipala weNgingqi waseSenqu, okanye ukuba ulwazi lunxulumene ngokusondeleyo nelinye iqumrhu loluntu, isicelo siya kudluliselwa kwiintsuku ezili-14 (ezilishumi elinesine) emva kokufumana isicelo kwelinye iqumrhu/iziko/umbutho onokunikisa ngolo lwazi.

Iirekhodi azifumaneki / azikho

- Kwiimeko apha iirekhodi zingafumaneki okanye zingekho kwaye onke amanyathelo afanelekileyo athatyathiwe ukufumana irekhodi eliceliwego, igosa lolwazi liya kuthi ngokusebenzisa ingxelo efunzelwego (affidavit) / isiqinisekiso lazise umfaki-sicelo ngokufanelekileyo, linikisa ngezizathu ezivakalayo.

Ukurhoxiswa kokufikelela

- Izicelo zingarhoxiswa de ulwazi lufumanek. Umfaki-sicelo uya kwaziswa ngokufanelekileyo aze acelwe ukuba enze ingxelo zingaphelanga iintsuku ezingama-30 (amashumi amathathu) malunga nokuba kutheni olu lwazi lufuneka phambi kokuba lube sesidlangalaleni.

Ukukhatywa kokufikelela kwiirekhodi

- Igosa lolwazi / amasekela-gosa olwazi angakwala ukufikelela kwiirekhodi phantsi kweemeko njengoko kubonelelw kwicandelo 2, isahluko 4, soMthetho.

Umntu wesithathu angafaka isibheno sangaphakathi kuMasipala weNgingqi waseSenqu ngokuchasene nesigqibo segosa lolwazi okanye isekela igosa lolwazi lokuchaza ulwazi olunxulumene nomntu wesithathu.

12. UNGENELELO LOLUNTU KWINGXELO ECACISA IMITHETHO OKANYE AMAGUNYA OKANYE IMISEBENZI EYENZIWA NGUMASIPALA WENGINGQI

Ukuthatha inxaxheba koluntu kwimeko karhulumente wengingqi kulawulwa nguMthetho weeNkqubo zikaMasipala woRhulumente weNgingqi, ka-2000 (uMthetho 32 ka-2000) kunye noMthetho wolwakhwiwo lukaMasipala, 1998 (uMthetho 117 of 1998). Injongo yenqubo yokuthatha inxaxheba koluntu kukuqinisekisa ukuba uMasipala weNgingqi waseSenqu kwakunye noluntu ngokubanzi lungumnini wenqubo yokuthatha inxaxheba yoluntu kunye nemiphumela.

Amacandelo oluntu abandakanyeka kwinxaxheba yoluntu ngala umzekelo, umntu eyedwa, amaqela ezemidlalo / ezolonwabo, imibutho yenkolo, amashishini amancinci, aphakathi, kunye namashishini asakhassayo (i-SMMEs), imibutho esekwe kuluntu (i-CBOs), imibutho engekho phantsi korhulumente (i-NGOs), iiforam ezisekelwe kwicandelo, iiforam ezisekelwe kwindawo, amashishini, imibutho yoluntu / yabarhafi.

UMasipala weNgingqi waseSenqu angasebenzisa ezi ndlela zilandelayo ukubandakanyeka kwinxaxheba yoluntu:

- Ukuhanjisa kwamaxwebhu kwiindawo zikawonke-wonke ukwenzela izimvo
Ukuhlola
- Izibhengezo zamaphendaba
- Iizimvo zoluntu ezesemthethweni
- Iintlanganiso zikawonke-wonke
- Ukupuhhliswa kwesimo sokuthatha inxaxheba koluntu

13. UKULUNGISWA KWEENKUKACHA ZESIQU

13.1 Injongo yokucwangcisa

Inkqubo kaMasipala/ukuqokelela ulwazi lomntu isiqu ngenxa yezizathu ezahlukeneyo zokufezekisa izibophelelo zakhe ezesemthethweni phantsi kwePAIA nePOPIA. Abahlali banyanzelekile ukuba babelane ngeenkukacha zabo kunye nomasipala njengoko ukugcinwa /ukwala kweenkukacha ubuqu kunokuchaphazela amandla kamasipala okunikezelza ngeenkonzo ezifunekayo.

Abasebenzi banyanzelekile ukuba babelane ngeenkukacha zabo umntu ngamnye kunye nomasipala njengoko zifuneka kwi-Human Resource Management.

Umasipala uqokelela iinkukacha ngeezinjongo zilandelayo:

- Ubhaliso lwabasebenzi kunye nezicelo zomsebenzi;
- Ukugcinwa kweencwadi zamatyala kunye nengxelo ebhaliweyo;
- Inkqubo yokuthengwa kwempahla;
- Ukutyelela izakhiwo
- Ukufumana nokuphanda izikhalaizo;

- Ukuthobela eminye imithetho echaphazelekayo, njenge-PFMA, iMimiselo phantsi kwayo kunye ne-National Treasury Instruction Notes.

13.2 Inkcazelo ngeendidi zezihloko ezibalulekileyo kunye neenkukacha okanye iinkcukacha malunga nazo :

lindidi zezihloko ezibalulekileyo	Ulwazi ngomntu olunokuthi luqhutywe
Abantu Bendalo	Amagama kunye nefani; iinkcukacha zoqhagamshelwano (iinombolo zoqhagamshelwano), inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyile; Indawo yokuhlala, yeposi, okanye idilesi yeshishini; Isichongi/Inombolo yesazisi kunye nembaletwano eyimfihlo, ulwazi Iwabathengi, ukubhengezwa komdla, ubunini, okanye ulwazi lokuqeshisa.
Abantu abasemthethweni	Amagama abantu ekuqhagamshelwana nabo; Igama lequmrhu elisemthethweni; idilesi yendawo kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano (iinombolo zoqhagamshelwano), inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyile; inombolo yobhaliso;ezezimali, ezorhwebo, ezenzululwazi, okanye ubugcisa kunye neemfihlo zorhwebo.
Abasebenzi	Isini, ukukhulelwa; Ubume obuxela ukuba utshatile okanye awutshatanga; Ubuhlanga, ubudala, ulwimi, iinkcukacha ngezifundo (iziqinisekiso); iinkcukacha zezezimali, Imbali yokuqeshwa; inombolo yesazisi; idilesi yendawo kunye neyeposi; iinkcukacha zoqhagamshelwano(iinombolo zoqhagamshelwano), inombolo yefeksi, idilesi ye-imeyile); ubume kulwaphulo - mthetho; intlalontle kunye nezalamane zabo (amalungu osapho) uhlanga, ngokwempilo, isini, isini, ubuzwe, iinkcukacha zomvuzo, i-biometric kunye nolwazi Iwejografi, iinkcukacha zemoto, imvelaphi yobuhlanga okanye yentlalontle, ukuziqhelanisa nesondo, ubudala, impilo yomzimba okanye yengqondo, intlalontle, inkubazeko, inkolo, inkathalo, inkolelo, inkubeko.

13.3 Abamkeli okanye uluhlu Iwabamkeli ekunokuthi kunikeyelwe kubo iinkcukacha zesi.

UMasipala unokunikisa ngeenkukacha zesi ezihomekeke kuBaqeshwa bakaMasipala, njengenxalenye yokuphumeza isigunyaziso sakhe esisemthethweni. UMasipala unokunikisa

ngeenkukacha zesi^u ezibalulekileyo exhomekeke kubaBoneleli beNkonzo ababonelela ngezi nkono^z zilandelayo –

- 13.3.1 Ukubamba, ukulungiselela nokugcina iinkukacha zomntu;
- 13.3.2 Ukuthunyelwa kwee-imeyile kunye nenye imbalelwano eluntwini;
- 13.3.3 Ukuhlola inkuthalo;
- 13.3.4 Ukuhlola ulwaphulo-mthetho;
- 13.3.5 Ukuhlola iziqinisekiso zemfundo;
- 13.3.6 Uphando Iwasenkundleni kunye nalo naluphi na olunye uphando olunxulumene nemisebenzi kaMasipala;
- 13.3.7 Uphicotho-zincwadi;
- 13.3.8 Ulawulo Iwesibonelelo, iiNgxowa-mali zoMhlalaphantsi kunye noncedo Iwezonyango; kunye
- 13.3.9 neziseko ze-ICT.

UMasipala usenokunikezela ngeenkukacha zesi^u zemixholo ebalulekileyo kwii-arrhente zogcino-mthetho, ezifana noGunyaziwe woTshutshiso weSizwe okanye iNkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika, ukwenzela uphando lolwaphulo-mthetho; nakwiINkundla, malunga nawo nawuphi na umcimbi othatyathwe kophononongo Iwenkundla.

Udidi Iwenkukacha zesi^u	Abamkeli okanye lindidi zabamkeli
Inombolo yesazisi kunye namagama, ukuze kuhlolwe ulwaphulo-mthetho	linkonzo zamaPolisa aseMzantsi Afrika
Iziqinisekiso, ukuqinisekisa ukulungela	UGunyaziwe wemiGangatho-mfundo yaseMzantsi Afrika (South African Qualifications Authority)
linkukacha ngamatyala nendlela abhataleka ngayo	libhodi zamatyala (Credit Bureaus)
Inombolo yesazisi namagama, umvuzo	SARS

Inombolo yesazisi namagama, umvuzo	Amaziko ezezimali ahlawulwayo okanye ahlawulayo
------------------------------------	---

13.4 Ukunikisa ngeenkukacha okucwangcisiweyo ukunqumla imida.

UMasipala akacwangcispanga ngokugqithiselwa kweenkukacha zomntu kwiTransborder. Nangona kunjalo, ukuba kuye kwafuneka ukuba kudluliselwe iinkukacha zomntu kwelinye ilizwe ngazo naziphi na iinjongo ezisemthethweni, uMasipala uya kuqinisekisa ukuba nabani na agqithisela kuye iinkukacha uphantsi komthetho, obophelelayo kwimigaqo yequmrhu okanye isivumelwano esibophelelayo esibonelela ngenqanaba elaneleyo lokhuseleko, kwaye iqela lesithathu liyavuma ukuphatha ezo nkukacha zesiqu qu ngenqanaba elifanayo lokhuseleko njengoko uMasipala enyanzelekile phantsi kwePOPIA.

13.5 Inkcazelo ngokubanzi ngemiqathango yokhuseleko lwenkukacha oluza kuphunyezwa liqela elinoxanduva lokuqinisekisa ubumfihlo, imfezeko, kanye nokufumaneka kweenkukacha.

Umasipala ubophelelekile ukukhusela iinkukacha zesiqu ekusetyenzisweni gwenxa, ekulahlekeni, ekubiweni, ekufikeleleni ngokungagunyaziswanga, ekulungisweni, okanye ekubhengezweni ngabakwamasipala:

- ngokusebenzia ukhuseleko ngokwezinto ezisebenzia umbane okanye ezibambekayo kanye
- nokuvumelana.ukuba amaqela esithathu axeletwe iinkukacha ukuba enze okufanayo.

Ngenxa yokungakhuseleki kanye nolwaphulo lokhuseleko kumajelo e-intanethi, umasipala akanakuqinisekisa ngokupheleleyo ukhuseleko okanye uthintelo oluvela kwimithombo yangaphandle lwazo naziphi na iinkukacha zomntu siqu ezingeniswayo okanye eziposwe kwi-intanethi.

Umasipala unolawulo oluluqilima lwezokhuseleko kanye nezisombululo zokufumanisa izoyikiso ezikhoyo.

Amanyathelo athatyathwe nguMasipala abandakanya, phakathi kwezinye -

Ulawulo lofikelelo;

Ufihlo lweenkukacha;

Amanyathelo okhuselo;

Izakhono zokubeka iliso okuqinileyo, ukuphicotha nokunika ingxelo

Ugcino lwedatha;

I-Anti-virus kanye ne-Anti-malware Solutions;

Ulunyukiso kunye nokuqaphela; kunye
nezivumelwano zigqityiwe nabaSebenzisi ukuphumeza ulawulo lokhuseleko.

14. UKUFUMANEKA KWENCWADI YESIKHOKELO

14.1 Le ncwadana yesikhokelo yensiwe ukuba ifumaneka ngezi lwimi zine zilandelayo zaseburhulumenteni -

14.1.1 English;

14.1.2 Afrikaans

14.1.3 Xhosa

14.1.4 Sesotho

14.2 Ikopi yesi sikhokelo okanye inguqulelo ehlaziyiwego yayo, nayo iyafumaneka ngolu hlobo lulandelayo-

14.2.1 ku-www.senqu.gov.za

14.2.2 kwi-ofisi kndlunkulu yequmrhu likarhulumente ukuze ihlolwe nguwonke-wonke ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza; kunye

14.2.3 nakuye nawuphi na umntu ngesicelo nangentlawulo yomrhumo omiselwego ofanelekileyo.

14.3 Umrhumo wekopi yesikhokelo njengoko uchaziwe kwisihlomelo C seMigaqo, uya kuhsuleka ngekopi nganye eyenziwego yobukhulu obuyi-A4.

15. UKUHLAZIYWA KWENCWADI YESIKHOKELO

UMasipala weNgingqi waseSenqu uya kuthi, ukuba kukho imfuneko, ahlaziye kwaye apapashe le ncwadana yesikhokelo rhoqo ngonyaka.

ISIHLOMELO A

FORM 4
ISAZISO NGESIBHENO SANGAPHAKATHI

(ICandelo lama-75 loMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi ka-2000 (uMthetho onguNombolo 2 ka-2000))
[UMgqaliselo 9]

Xela INOMBOLO YAKHO YESILUNGELO:
A. linkcukacha zebhodi yoluntu

The Information Officer/Deputy Information Officer:
Senqu Main Building
19 Murray Street
Lady Grey
9755
vanzylt@senqu.gov.za

B. linkcukacha zomceli/umntu wesithathu ofaka isibheno sangaphakathi

- (a) linkcukacha zomntu ofaka isibheno sangaphakathi kufuneka zinikiswe ngezantsi.
- (b) Ubungqina benganaba isibheno esifikwe phantsi kwalo , ukuba bukhona, kufuneka buncanyathiselwe.
- (c) Ukuba umfaki-sibheno ngumntu wesithathu ingenguye umntu obefake isicelo sokuqala ngeenkukacha, iinkukacha zomfaki-sicelo kufuneka zinikiswe ku-C apha ngezantsi.

Amagama apheleleyo kanye nefani:

Inombolo yesazisi:

Idilesi yeposi:

Inombolo yefeksi:

Inombolo yomnxeba:

Idilesi yemeyile:

Inqanaba apho isibheno sangaphakathi sifakwe egameni lomnye umntu:

C. linkcukacha zomceli

Eli candelo kufuneka lizaliswe KUPHELA ukuba umntu wesithathu (ongenguye umceli) ufaka isibheno sangaphakathi.

Amagama apheleleyo kanye nefani:

Inombolo yesazisi:

D. Isigqibo ekufakwe ngaso isibheno sangaphakathi

Phawula isigqibo ekufakwe ngaso isibheno sangaphakathi ngo-X kwibhokisi efanelekileyo:

	Ukwaliwa kwasicelo sokufikelela
	Isigqibo malunga neentlawulo ezimiselwego ngokwecandelo lama-22 loMthetho
	Isigqibo malunga nokwandiswa kwexesha isicelo ekufuneka kusetyenzwe ngaso
	Isigqibo ngokwecandelo 29(3) loMthetho sokwala ukufikelela ngendlela ecelwe ngumceli.
	Isigqibo sokusivuma isicelo sokufikelela

E. Izizathu zesibheno

Ukuba isithuba esinikiwego asonelanga, nceda uqhubeke kwpiphepha elahlukileyo uze ulincamatelise kule fomu. Kufuneka uwasayne onke amaphepha ongeziwego.

Chaza imihlaba esisekelwe phezu kwayo isibheno sangaphakathi:

Xela naluphi na olunye ulwazi olunokuba lufanelekile xa kuqwalaselwa isibheno:

F. Isaziso sesigqibo ngesibheno

Uya kwazisa ngembalelwano ngesigqibo sesibheno sakho sangaphakathi. Ukuba unqwenela ukwazisa ngenye indlela, nceda uchaze indlela kwaye unike iinkukacha eziyimfuneko ukuze kuthotyelwe isicelo sakho.

Xela indlela:

Iinkukacha zendlela:

Isayinwe e.....ngolusuku lwe 20

USAYINWA WOMFAKI WESIBHENO

UKUSETYENZISWA LISEBE:

INGXELO ESEMTHETHWENI YESIBHENO SANGAPHAKATHI

Isibheno sifunyenwe (umhla) ngu(isikhundla saseburhulumenteni, igama nefani yegosa lolwazi/usekela-gosa lolwazi).

Isibheno sikhathshwa zizizathu zesigqibo segosa lolwazi/sesekela-gosa lolwazi kwaye, apha kufanelekileyo, iinkcukacha zalo naliphi na iqela lesithathu elinxulumene nalo okanye ingxelo leyo, zingeniswe ligosa lolwazi/isekela-gosa lolwazi ngomhla (umhla) kugunyaziwe ochaphazelekayo. .

ISIPHUMO SESIBHENO:

ISIGQIBO SEGOSA LEENGCACISO/ISEKELA LEGOSA LEENGCACISO SIQINISEKISIWE/KUFAKWE ISIGQIBO ESITSHA

ISIGQIBO ESITSHA:

..... UMPATHI OFANELEKILEYO

..... UMHLA

IFUNYENWE LIGOSA LEENGCACISO/USEKELA LEGOSA LEENGCACISO KUMPHATHI OFANELEKILEYO NGO (umhla):

ISIHLOMELO B

FORM 2

ISICELO SOKUFIKELELA KWIREKHODI YEZIKO LIKAWONKE-WONKE
(Icandelo le-18(1) loMthetho wokuPhakanyiswa koFikelelo kuLwazi, ka-2000

(uMthetho oyiNombolo yesi-2 ka-2000)

[UMgqaliselo 6]

UKUSETYENZISWA LISEBE

Inombolo yerefurensi:

Isicelo sifunyenwe ngu
igama kanye nefani yegosa lolwazi/usekela-gosa wolwazi nge (umhla) e
(indawo)
Umrhumo wesicelo (ukuba ukhona): R.....
Idiphozithi (ukuba ikhona): R,
Umrhumo wokufikelela: R.....

..... Utyikityo Iwegosa lolwazi/usekela Gosa lolwazi

A linkcukacha zebhodi yoluntu

The Information Officer/Deputy Information Officer:

Senqu Main Building
19 Murray Street
Lady Grey
9755

vanzylt@senqu.gov.za

B linkcukacha zomntu ocela ukufikelela kwirekhodi

- | | |
|-----|---|
| (a) | linkcukacha zomntu ocela ukufikelela kwirekhodi kufuneka zinikiswe ngezantsi. |
| (b) | Idilesi kanye(okanye inombolo yefeksi kwiRiphablikhi apho iirekhodi iza kuthunyelwa khona, kufuneka inikiswe. |
| (c) | Ubungqina benqanaba esenziwa phantsi kwalo isicelo, ukuba bukhona, kufuneka buncanyathiselwe. |

Amagama apheleleyo kanye nefani:

Inombolo yesazisi:

Idilesi yeposi:

Inombolo yefeksi:

Inombolo yomnxeba:

Idilesi yemeyile:

Inqanaba isicelo esenziwa ngalo, xa senziwa egameni lomnye umntu:

C. linkcukacha zomntu isicelo esenziwa egameni lakhe

Eli candelo kufuneka lizaliswe KUPHELA ukuba isicelo solwazi senziwa egameni lomnye umntu.

Amagama apheleleyo kunye nefani:

Inombolo yesazisi:

D. linkcukacha zerekhodi

- (a) *Nikisa ngeenkukacha ezipheleleyo zerekhodi ekucelwe ukufikelela kuyo, kubandakanya wa nenombolo yereferensi ukuba uyayazi, ukuze irekhodi ifumaneko.*
(b) *Ukuba isithuba esinikiweyo asonelanga, nceda uqhubeke kwiphepha elahlukileyo uze ulincamathelese kule fomu.*
Umenzi-sicelo kufuneka awasayine onke amaphepha ongezelelwego.

- 1 Inkazo yerekhodi okanye inxalenye efanelekileyo yerekhodi:
- 2 Inombolo yereferensi, ukuba ikhona:
- 3 Naziphi na ezinye iinkukacha zerekhodi:

E. lintlawulo

- (a) *Isicelo sokufikelela kwirekhodi, ngaphandle kwerekhodi enenkukacha zakho , siya kuqwalaselwa kuphela emva kokuba umrhumo wesicelo uhlawuliwe.*
(b) *Uya kwaziswa ngemali ekufuneka ihlawuliwe njengentlawulo yesicelo.*
(c) *Umrhumo ohlawulelwa ukufikelela kwirekhodi uxhomekeke kuhlobo ukufikelela olufunwa ngalo kunye nexesha elifanelekileyo elifunekayo lokukhangelwa nokulungisa irekhodi.*
(d) *Ukuba ufanelekile ukuba ukhululwe kwintlawulo yayo nayiphi na intlawulo, nceda uchaze isizathu sokukhululwa..*

Isizathu sokukhululwa kwintlawulo yemali:

F. Indlela yokufikelela kwirekhodi

Ukuba uthintelwa sisiphene ukuba ufunde, ukujonga okanye ukumamela irekhodi ngendlela yokufikelela enikiswe ku-1 ukuya ku-4 ngezantsi, xela ukukhubazeka kwakho kwaye ubonise ukuba irekhodi ifunwa ngaluphi na uhlobo..

<u>Inkubazeko:</u>	Uhlobo ekufunwa ngalo irekhodi:		
<p>Phawula ibhokisi efanelekileyo ngo-X. AMANQAKU:</p> <p>(a) Ukuvunyelwa kwesicelo sakho sokufikelela kwifomu echaziwego kunokuxhomekeka kwifomu ekuyo apho irekhodi ekhoyo.</p> <p>(b) Ukuufikelela kwifomu eceliwego kunokwaliwa kwiimeko ezithile. Kwimeko enjalo uya kwaziswa ukuba ufikelelo luya kuvunywa ngolunye uhlobo.</p> <p>(c) Umrhumo ohlawulelwua ukufikelela kwirekhodi, ukuba ukhona, uya kumiselwa ngokuyinxene yendlela ekucelwe ngayo ukufikelela.</p>			
1. Ukuba ingxelo ibhaliwe okanye ishicilelwe:			
ikopi yerekhodi *	ukuhlolwa kwerekhodi		
2. Ukuba irekhodi liquelethe imifanekiso ebonakalayo - (oku kubandakanya iifoto, izilayidi, ushicilelo Iwevidiyo, imifanekiso eyenziwe ngekhompyutha, imizobo, njalo - njalo):			
jonga imifanekiso	ikopi yemifanekiso *	ushicilelo Iwe mifanekiso *	
3. Ukuba irekhodi linamagama ashicilelweyo okanye ulwazi olunokuthi luveliswe kwakhona ngesandi:			
mamela isandi (ikhasethi yomsindo)	ukukhutshelwa kwesandi* (uxwebhu olubhaliweyo okanye olushicilelweyo)		
4. Ukuba ingxelo igcinwe kwikhompyutha okanye kinto esebezisa umbane okanye efundeka ngomatshini:			
ikopi eprintiweyo yerekhodi '	ikopi eprintiweyo yowlazi evela kwirekhodi *	ikopi ifundeka kwindlela ekwikhompyutha* (kumacwecwe asetyenziswa kwikhompyutha)	EWE
* Ukuba ucele ikopi okanye ushicilelo Iwerekhodi (ngasentla), unqwenela ikopi okanye ushicilelo luthunyelwe kuwe? Imali yokuposa iyahlawuleka.			HAYI
Qaphela ukuba ukuba ingxelo ayifumaneki ngolwimi olukhethayo, ukufikelela kuyo kunokuvunyelwa ngolwimi irekhodi efumaneka ngalo.			
Ungathanda ukuba irekhodi libe loluphi ulwimi?			

G. Isaziso malunga nesigqibo malunga nesicelo sokufikelela

Uya kwaziswa ukuba isicelo sakho samkelwe/saliwe. Ukuba unqwenela ukwaziswa ngenye indlela, nceda uchaze indlela kwaye unike iinkcukacha eziyimfuneko ukuze kuthotyelwe isicelo sakho.

Ungathanda ukwaziswa njani ngesiggibo malunga nesicelo sakho sokufikelela kwirekhodi?

Isayinwe atnge usuku lwe 20

ISIHLOMELO C

IMALI EHLAWULWAYO
 (NgokoMmiselo we-187 womhla we-15 kuFebruwari 2002)

NO.	CONTENT	FEE
1.	Umrhumo wesicelo ohlawulwa ngumceli ngamnye	R100,00
2.	Ifotokopi okanye ukuveliswa kwephepha elingu-A4 okanye inxalenye yalo	R 1,50
3.	Ikopi eprintiwego yephepha elingu-A4 okanye inxalenye yalo egcinwe ekhompyutheni okanye ikwimo yombane okanye efundeka ngomatshini	R 1,50
4.	Khuphela kwifomu efundeka ngekhompyutha: Umcingaioisetyenziswa kwikhompyutha (uya kunikezwa ngumceli) Icwecwe lekhompyutha (ukuba linikeziwe ngumceli) Icwecwe lekhompyutha (ukuba linikezelwe kumceli)	R40,00 R40,00 R60,00
5.	Ushicilelo lwemifanekiso ebonwayo kwiphepha lobungakanani be-A4 okanye inxalenye yalo	Inkonzo iza kunikwa abantu bangaphandle.
6.	Ikopi yemifanekiso ebonakalayo	Kuya kuxhomekeka Kwisichazi maxabiso esivela kumniki wenkonzo
7.	Ushicilelo lwerekhodi emanyelwayo, lobungakanani bephepha elingu-A4 okanye inxalenye yalo	R24,00
8.	Ikopi yerekhodi yesandi ku: Umcinga osetyenziswa kwikhompyutha (uya kunikisa ngumceli) Icwecwe lekhompyutha (ukuba linikeziwe ngumceli) Icwecwe khompyutha (ukuba linikeziwe kumceli)	R40,00 R40,00 R60,00
9.	Ukukhangela nokulungiselela ingxelo ukuze ichazwe kwiyure nganye okanye inxalenye yejure, ngaphandle kweyure yokuqala, efunekayo ngokufanele olo phando nolungiselelo. Ukungaggithi kwiindleko zizonke ze	R100,00 R300,00
10.	Idiphozithi: Ukuba uphendlo ludlula iiyure ezi-6	Isinye kwisithathu semali ngesicelo ngasinye ibalwa ngokwemibandela yesicandelo-2 ukuya ku-8
11.	Iposi, i-imayile okanye naluphi na olunyeuhlobo lokudlulisela olusebenzisa umbane	lindleko ezizizo, ukuba zikhona.